

Vuk'uzenzele



Iziswa liZiko lezoNxibelelwano nokuSasazwa koLwazi lukaRhulumente (GCIS) English/isiXhosa

| EyeDwarha 2017 Ushicilelo I

UMzantsi Afrika ukhumbula imisebenzi emihle ka-OR Tambo


“Sisebenzela ukwakha isizwe esimanyeneyo, esilawulwa ngokwentando yesinzi kunye nesingacaluli ngokobuhlanga. Sinombono woMzantsi Afrika apho abantu abantsundu nabamhlophe bahlala futhi besebenza kunye njengabantu abalinganayo kwiimeko ezigquba uxolo namathamsanqa...” **OR Tambo**.

I nyanga yeDwarha yinya- nga ekhethiki- leyo eMzantsi Afrika. Yinyanga yokuba abemi boMzantsi Afrika bacamge bebhiozela ubomi nemisebenzi yongasekhoyo u-Oliver Reginald Tambo, inkokeleli esahlonitshwe lihlabathi liphela nangoku.

Unyaka wama-2017 uphawula iminyaka elikhulu yokuzalwa kukaTambo. Wayeyingangamsha negorha kwidabi loMzantsi Afrika lokulwela inkululeko futhi waye- ngomnye weenkokeli ezazikho kwiingxoxo ezakhokelela kulo mbuso wethu olawulwa ngokwentando yesininzi futhi usekelwe kumgaqo-siseko.

Urhulumente ubhengeze unyaka wama-2017 njengonyaka ka-OR Tambo, phantsi kwalo mxholo: “Unyaka ka-OR Tambo: ukubhiozela inkululeko yethu elilifa.” Kuza kubanjwa imisitho emininzi kule nyanga ngeenjongo zokukhumbula imisebenzi kunye nokubhiozela iminyaka elikhulu yokuzalwa kukaTambo.

UTambo wayengumongameli we-African National Congress (i-ANC) ukusuka ngowe-1969 ukuya kowe-1991, into leyo eyamenza ukuba abe ngumo-



© Tambo Family Album / Oliver and Adelaide Tambo Foundation

ngameli othathe elona xesha lide etsala intambo kulo mbutho. Wachitha isithuba esinga- phezulu kweminyaka engama-50 elitshantliziyo lezopolitiko kwi-ANC.

Inkokeli izelwe

U-Oliver Tambo wazalwa ngomhla wama-27 kweyeDwarha ngowama-2017, igama lakhe ngoko yayinguKaizana Tambo, ezalelwa kwilali yaseNkantolo eMpuma Koloni. Ukukhulela ezilalini kwamakhaya wayindodana eqhele ukusebenza nzima futhi enobomi obusekelwe kwisimilo esichuphekileyo nesisulungekileyo.

Ngokwenkcaza yeTambo Foundation, waye walitshintsha igama lakhe uKaizana wasebenzisa u-Oliver emva kokuba ngosuku lwakhe lokuqala esikolweni waye waxelelwa

ngutitshala ukuba kufuneka eze negama elitsha lesiNgesi.

“Abazali bakhe baye bakhethe igama elithi Oliver. Oku kunya nzeliswa ukuba atshintshe igama lakhe kunye nootitshala ababenesandla esigadalala kwamenza ukuba angasifuni isikolo.

Ukudibana kwakhe ngebhaqonye idyongwana eyayifunda kwesinye isikolo eyayiliciko kakhulu, ililungu lombutho wabafundi weengxoxo-mpikiswano, kwayitshintsha indlela awayibona ngayo imfundo futhi kwamenza wangumntu ozithandayo iingxoxo-mpikiswano zokulolalana iingqondo,” batsho abeTambo Foundation.

Akuphumelela onke amabanga asesikolweni waya kufunda edyunivesiti. Wafumana isidanga i-Bachelor of Science

kwezeziBalo nezeNzululwazi kwiDyunivesiti iFort Hare. Ubutshantliziyo kuye baqala ngethuba esedyunivesiti.

Ngowe-1942, ngethuba efunda isidanga sesibini kwezeMfundo, waye wagxothwa edyunivesiti ngokuba ethathe inxaxheba kugwayimbo lwabafundi ngenxa yokuba naye wayevumelana nezikhalazo ezaziphakanyiswa ngabafundi.

Emva kokuba iSt Peter’s College, isikolo sakhe sanga-phambili yafumana iindaba zokuba ugxothiwe kwiDyunivesiti iFort Hare, yaye yamnika umsebenzi wokuba ngutitshala wezifundo zeziBalo nezeNzululwazi.

Ubomi bakhe njengetshantliziyo lezopolitiko

Ngethuba esebenza njenge-titshala eRhawutini, uTambo wayelilungu eligcweleyo le-ANC. Waye waseka uPhiko loLutsha le-ANC (i-ANCYL) waze wangunobhala jikelele walo wokuqala ngowe-1944. Kwisithuba seminyaka emine emva koko waye wangu-mongameli we-Transvaal ANCYL kunye nosekelamongameli kwisizwe siphela

● **Liqhubeka kwiphepha lesi-2**



National Development Plan, five years on

Page 6




Bicycles benefit Bergville kids

Page 12



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0405

Free Copy

“We all belong to South Africa, and South Africa belongs to us all.” OR TAMBO

Life and legacy of **OR TAMBO. 100 YEARS**



Early childhood education is important

Noluthando Motswai

Early Childhood Development (ECD) centres are the pillars of education and a good investment for unlocking a child's potential.

This is according to the CEO of the National Development Agency (NDA) Thamo Mzombe.

"Understanding the investment on a child and unlocking the potential at a very early stage is important. As the NDA, we look at ECDs holistically in terms of development of a child from the mind to physical. This is an asset and if well nurtured at an early stage will yield great potential for our country," says Mzombe.

She adds that during the first 1 000 days of a child's life their mind is capable of quickly absorbing important information.

Getting access to quality edu-

cation at this stage is essential in terms of ECD which advocates that children who are exposed to ECD efforts must have access to quality food and an environment which allows potential growth.

"If we get the programmes of the ECDs right we would not suffer in entrepreneurial challenges, producing scientist because the child's potential and resilience is built at this level," said Mzombe.

She adds that in order for children to flourish academically nutrition and a balanced diet are important.

One ECD centre, one food garden

The NDA promotes the idea of "One ECD centre, one food garden." Food gardens provide fresh vegetables to school feeding schemes at community-based ECD facilities, home-based centres and rural communities.

The NDA also provides skills development and education in the benefits of good nutrition.

The NDA focuses mostly on ECDs in rural areas, informal settlements and farm areas where poverty levels are very high and parents have no means or access to structured ECD-based programmes.

Mzombe adds that her organisation focuses on empowering the management of an ECD, particularly in the areas of governance, financial management, fundraising, human resource management, report-writing and how to register with the provincial departments of social development.

"This assists centres to ... comply with the norms and standards of the Department of Social Development," says Mzombe.

ECD centre infrastructure upgrades are also important element to ensure that learning

happens in a safe environment.

Training for ECD Staff

Through the NDA ECD principals, supervisors, practitioners, cooks and governing body members are appropriately trained and skilled to benefit the centre's programmes for young children.

Mzombe says ECD educators are also guided by a curriculum with standards to be achieved.

"Their curriculum covers most of grade R. We have our NPO-capacitated trainers that develop curriculum," concludes Mzombe. **V**

Community members who would like to register their ECDs with the NDA can call 011 018 5500 or email: info@nda.org.za

NEWS IN BRIEF

Deputy President opens Eastern Cape HIV/AIDS Centre

Deputy President Cyril Ramaphosa has officially opened the Vuyo Mbuli Empilisweni HIV/AIDS and Orphans Centre in Ndevana Eastern Cape.

The centre is a community initiative which started operations in 1999 with the help of the late SABC TV presenter Vuyo Mbuli. The centre – whose main focus is on HIV and Aids orphans – also works with caregivers of people who are on antiretroviral therapy and Tuberculosis treatment. The facility has been commissioned by the Department of Health to trace treatment defaulters in the area. **V**

Liqhubeka lisuka kwiphapha loku-1

ngowe-1949.

Ekuhambeni kwexesha waye wonyulwa kunye noWalter Sisulu njengelungu leKomiti yesiGqeba soLawulo (i-NEC) ye-ANC.

Ngowe-1951 uTambo waye waseka inkampani yokuqala yamagqwetha angabantu abamnyama nomhlobo wakhe, lowo wayesakuba nguMongameli uNelson Mandela.

UTambo nguye owasezintanjeni ngamathuba anizima kakhulu kwi-ANC waze wangumongameli owaqhuba elona xesha lide esebenzela eLondon naseZambia apho lo mbutho wakhe wawunee-ofisi khona ukuza kutsho ekuvulweni kwawo umlomo nguRhulumente woMzantsi Afrika ngowe-1990.

Ngethuba ekumazwe angaphandle wadlala indima emandla ekuvuleni izindlu zozakuzo ze-ANC

kwihlabathi liphela. Yayingamazwe angama-27 ayasele enee-ofisi zozakuzo ze-ANC ngowe-1990.

Wadlala indima enkulu ekufuneni uncedo egameni le-ANC, waye wayenza i-ANC yahlonitshwa lihlabathi liphela nje-ngombutho obalulekileyo nophambili.

Ngowe-1990, uTambo nosapho lwa-khe babuyela ekhaya emva kokuba bechithe iminyaka engama-30 elubhacweni. Wenza intetho kwintlanganisano yokuqala ye-ANC eMzantsi Afrika emva kokuba ivulwe umlomo.

Kulapho wanikezela ngeentambo zolawulo kuNelson Mandela. Yena waye wonyulwa ngengoSihlalo weSizwe we-ANC.

Ngomhla wama-24 ku-Tshazimpunzi ngowe-1993, yohlulwa kukufa le ngqanga, yawa, emva kokuhlaselwa sisifo sokufa kwecala lomzimba. **V**

Ukuhlonipha inkokeli eyayiyinqondi

Uthotho lweenkqubo zokufundisa, kuquka nemisitho yokufunda nokuhlonipha, ziza kubanjwa mbombo zone zeli xa kulungiselelwa umsitho omkhulu womhla wama-27 kweyeDwarha ngowe-2017. Emva koko, iiprojekthi ezininzi ezihlonipha nezisikhumbuzo ngemisebenzi yakhe ziza kuqaliswa eMbizana, eMpuma Koloni zilungiselelwa ukuxhamlisa abahlali kule ngingqi.

Amagqabantshintshi ngobomi buka-Oliver Tambo

•27 eyeDwarha 1917

Ukuzalwa kuka-Oliver Tambo.

•2 ekaTshazimpunzi 1944

UTambo eno-William Nkomo, AP Mda, Walter Sisulu kunye noNelson Mandela baseka i-ANCYL.

•1 eyoMsintsi 1944

UTambo wonyulwa njengonobhala we-ANC.

•24 eyeKhala 1951

UTambo uphumelela izifundo zobugqwetha.

•5 eyoMnga 1956

UTambo uyabanjwa, ubekwa ityala lokufuna ukubhukuqa umbuso

waze waphoswa eziseleni ngurhulumente wocalucalulo.

•20 eyoMnga 1956

UTambo ukhululwa entolongweni ngebheyle ngethuba le-Tyala lesiTyholo sokuFuna ukuBhukuqa Umbuso.

•22 eyoMnga 1956

U-Oliver Tambo uzimanya ngeqhina lomtshato no-Adelaide.

•27 eyoKwindla 1960

UTambo uya elubhacweni.

•1 kuCanzibe 1960

UTambo ufika eDenmark emva kokuba emenywe yiNkulumbuso yaseDenmark.

•10 eyeDwarha 1960

Utyelelo lukaTambo lokuqala eNew York.

•10 ekaCanzibe 1963

UTambo ukhokela igqiza le-ANC eliya e-Ethiopia

kumsitho wokusekwa koMbutho weManyano ye-Afrika (i-OAU).

•10 eyeDwarha 1963

UTambo wenza intetho kwiNdibano eNkulu yeKomiti eYodwa yezoPolitiko yeZizwe eziManyeneyo (i-UN)

apho enza isimbonono esikhalela ukuba bonke abemi boMzantsi Afrika banikwe inkululeko.

•25 ekaTshazimpunzi 1969

UTambo ubhengeza ukuba uyayeka esikhundleni sokuba nguMongameli we-ANC kwinkomfa eyayibanjelwe eMorogoro emva kokuba egxijwe kabukhali ngamalungu

ombutho, kodwa waye wacengwa ukuba abuyeke kwesi sikhundla.

•20 ekaCanzibe 1983

UTambo ugonyazisa ukuba kutyalwe isiqhushumbisi eChurch Street, ePitoli.

•8 eyoMqungu 1985

UTambo uhlaba ikhwelo kubo bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba 'Benze uMzantsi Afrika Ungalawuleki'.

•14 eyoMnga 1990

Usapho lwakwaTambo luyabuya elubhacweni.

•23 ekaTshazimpunzi 1993

U-Oliver Tambo usutywa kukufa.

Umthombo:
www.tambofoundation.org.za



government communications

Department: Government Communication and Information System
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Tel: (+27) 12 473 0089 E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za
Address: Private Bag X745, Pretoria, 0001

Head of Editorial and Production
Tasneem Carrim | tasneem@gcis.gov.za

Managing Editor
Irene Naidoo | irene@gcis.gov.za

News Editor | Ongezwa Mogotsi

Sub-Editor |

Writers
Albert Pule
Noluthando Motswai

Senior Designer | Tendai Gonese

Translators
Nongqibelo Motha
Boitumelo Phalatse
Phakamani Dadlana

Vuk'uzenzele
is published by Government
Communications (GCIS)

Printed by: [paarlcoldset](http://www.paarlcoldset.com)

All rights reserved. Reproduction of the newspaper in whole or in part without written permission is strictly prohibited.

Distributed by: **ON THE DOT**

Amaziko onakekelo anceda amaxhoba okudlwengulwa

UMZANTSI AFRIKA uvunywa lihlabathi liphela ngokuba namaziko asemgangathweni okunceda amaxhoba okudlwengulwa.

Lucille Davie

Ukuthuzelwa. Yiyona nto ifunwa ngamakhoba okudlwengulwa nokuxhatshazwa emakhaya, kwaye yinkonzo enikezelwa ziThuthuzela Care Centre kulo lonke eli.

Igama elithi 'thuthuzela' ligama lesiXhosa kwaye la maziko ngamaziko anako konke asekwane njengenxalenye yecebo leli lizwe lokulwa umkhuba wokudlwengula. Injongo yoku kukunqanda imeko apho amaxhoba angoomama nabantwana andlandathekiswa esisiwa ngapha nangapha emva kokuba sele eve intlungu yokudlwengulwa, ngokuthi la maxhoba aphathwe ngenkathalo, isidima nembeko.

IGunyabantu lezoTshutshiso (i-NPA) lilo elilawula iThuthuzela Care Centre njengenxalenye yeCandelo lalo lamaTyala ezeSondo neMiba yoLuntu. Enye injongo kukwandisa inani labantu ababanjwayo bagwetywe.

La maziko asebenzela kwizibhedlela zikarhulumente, kwaye kumaxa amaninzi athanda ukuba kufutshane neenkundla zamatyala ezesondo, ezinabatshutshisi kunye noomantyi abanezakhono ezikwizinga eliphuzulu, oonontlalontle, imiButho Engekho Phantsi koRhulumente (ii-NGO) kunye namapolisa ukuze aqinisekise ukuba amaxhoba afumana iingcebiso



nentuthuzelo, futhi afumana noncedo olufanelekileyo enkundleni. Kukho amaziko angamaphezulu kwama-50 mbombo zone zeli.

"Le ndlela idibanisa konke isetyenziswa ziThuthuzela Care Centre ukunceda amaxhoba okudlwengulwa igxininisa kwintlonipho, intuthuzelo nokubuyisela isidima sexhoba kunye nokuqinisekisa ukuba abantwana, oomama namadoda angamakhoba okuxhatshazwa ngokwesondo afumana uncedo lwezobulungisa," itshilo iNgxowa-mali yaBantwana yeZizwe eziManyeneyo (i-Unicef).

IiThuthuzela Care Centres zanceda amaxhoba ngezi nkonzo

zilandelayo:

- Indawo enenzolo nesekhusini, apho kukho umongikazi nogqirha abaza kuthi baxilongwe ixhoba, emva kokuba ifomu ekhululela oku ityikityiwe.
- Ukutsalwa kwegazi nokuvavanywa kwencindi yofuzo (i-DNA)
- Ukunika ixhoba ithuba lokuba lihlabathe, litshintshe neempahla elizinxibileyo
- Igosa eliphanda ityala lithatha ingxelo kwixhoba.
- Umongikazi unika iingcebiso nentuthuzelo kunye noncedo xa ixhoba liphinde labuya, futhi ixhoba alinike namayeza okunyanza izifo ezosulela ngoku-

lalana okanye iNtsholongwane kaGawulayo (i-HIV)

- Amayeza exhoba eligoduswayo okanye elisiwa kwindawo ekhuselekileyo, ukuba kukho imfuneko.
- Ukubamba iintlanganisano zokubonisa nomtshutshisi oyingcali kumatyala afana neli, kunye nokuncedwa kwexhoba ligosa elinceda amaxhoba ukuba akwazi ukumelana neemeko zasenkundleni
- Ingxelo ecacisa ngokuba ityala liqhuba njani enikezelwa ngumphathi wamatyala.

Kukho iinkundla zamatyala ezesondo ezingaphezulu kwama-40 kweli lizwe, ezilungiselelwe kanye ukunyanza amaxhoba ngendlela ebonakalisa uvelwano nenkathalo ngeli thuba amatyala nawo eqhutywa.

Ezi nkundla zinegumbi elilodwa elisebenza njengenkundla, elilodwa lokulinda lamaxhoba angabantu abadala nangabantwana kunye ne-lokunika ubungqina elinekhamera yokuqinisekisa ukuba amaxhoba awabi segumbini elinye nabantu ebebahlasele.

"Ezi nkundla zibaluleke kakhulu kwisicwangciso-qhinga soMzantsi Afrika sokulwa udlwengulo, injongo yazo kukuphungula ingxaki yokuphatha kabuhlungu nokundlandlathekiswa kwabo sele bengamakhoba kakade, ukwandisa inani labenzi bobubi ababanjwayo bagwetywe

kunye nokuphungulwa kwexesha elithathwayo ukuqukumbela amatyala," utshilo u-Advocate Thoko Majokweni, uMlawuli weCandelo lamaTyala ezeSondo neMiba yoLuntu le-NPA.

Ngokwe-Unicef le nkqubo yeeThuthuzela Care Centre iyiphucule indlela aqhutywa aze axowe ngayo amatyala odlwengulo nawezesondo kwaye nendlela abebaphathwa ngayo eyayimbi abo sele bengamakhoba iye yaphucuka.

I-Unicef ithi u-Advocate Majokweni uthi "eyona nto ibangela ukuba le ndlela isetyenziswa ziThuthuzela Care Centre iphumelele kakhulu kukuba idibanisa izinto ezimbini, uncedo ngezonyango nezomthetho olunikezelwa zingcali kunye nokusebenzisana okumandla phakathi kwamaxhoba nabo banceda ngeenkono, ukusuka kwabo banika iingxelo kuye kwindlela ityala eliqhutywa lixoxwe ngayo, kude kuyekufikelela kwinqanaba lokugwetywa komezi wobubi." **V**

Xa ufuna ulwazi oluthe vetshe ngeThuthuzela Care Centre, tsalela i-NPA umnxeba kule nombolo: 012 845 6000

KZN businesswomen get empowered

Hlengiwe Ngobese

Amentorship programme run by Ithala Development Finance Corporation is helping women in rural and township areas realise their dreams of becoming entrepreneurs.

The programme is designed to help micro-level Small, Medium and Micro Enterprises (SMMEs) grow and sustain their businesses.

The initiative is part of phase three of Ithala's Imbokodo Iyazenzela programme, which is a pillar of support to women entrepreneurs in KwaZulu-Natal (KZN) who require access to finance and resources to grow

their enterprises.

Imbokodo Iyazenzela was launched in 2015 and has reached over 3 000 women in 16 towns across KZN to date.

Cutting Edge Business Solutions is formally and regularly mentoring and coaching the top 20 participants in the 2017 programme to help them improve their businesses and make them sustainable. The mentors' role is to help maximise mentees' business revenues by providing them with effective marketing ideas and financial literacy lessons, improving their administrative skills and helping them to be compliant with the legal requirements for running a business.

"After traversing KZN to identify the bottlenecks preventing aspiring business

"We plan to continue changing the lives of businesswomen through mentorship and coaching projects."

women from reaching their full potential in phase one of Imbokodo and thereafter putting them in touch with our esteemed partners to overcome their challenges in phase two, the finalists have experienced tangible business growth,"

said Sitandiwe Dimba, Ithala's Corporate Social Investment Coordinator.

The four broad categories of hindrances identified during the outreach were access to markets, finance, business support, and marketing and sales.

Mbali Shinga (44) owner of Ubuhle Bozalo Trading says she has benefited from the programme.

"My mentor, Zandile Nkala, helped immensely to brand and market my business. I have taken it upon myself to start mentoring members of my community, especially the youth, by conducting 'entrepreneurship talks' to motivate them to start their own busi-

nesses," she said.

Thulani Mazibuko, the managing director of Cutting Edge Business Solutions, said Shinga, has stood out as a mentee and shown significant progress through the mentorship programme.

"Shinga's business currently employs 29 people in permanent positions. Her company has its own logo, letterhead and a website that will soon be accessible.

"We plan to continue changing the lives of businesswomen through mentorship and coaching projects and wish the mentees all the success in their business endeavours," he said. **V**